

WoH 66

Imisulelo yendlebe – Ukumamela uThixo

Ezobomi - Obugqirha

Ezomphefumlo – Ukugula

Isiqulatho Sezobomi – Imisulelo Yendlebe - Uthintelo nonyango

Isiqulatho Sezomphefumlo - Ukuphulaphula izithembiso nemiyalelo kaThixo

Isalathiso : Eka Yakobi 1 : 19 – 25

Ingongoma Sifundo : UThixo uthetha nathi eLizwini Lakhe . Sidinga ukulimamela ukuze silisebenzise.

UMCULO – Intshayelelo

Judith : Wamkelekile kwinkqubo Yamanenekazi eThemba .Ndingu Judith , noElizabeth ukhona , Ndiyacinga siza kuvana namhlanje – kwizinto ezininzi nje ezizezinye. Izinto enizonwabelayo , izinto ezininika ulwazi , ezinigcina nikhuselekile . Kodwa ke wakha wacinga na ngokuhlala kwindawo ethe cwaka? Abanye abantu abeva nto kwaphela. Namhlanje, siza kuva ngendlela yokunakekela iindlebe zethu.

Elizabeth : Ndakha ndafunda incwadi eyayithetha ngenenekazi eligama lingu Helen Keller . Wayelinenekazi elibalaseleyo , eyimfama ekwasisithulu , kodwa wafunda indlela yokunxibelelana waza wanobomi obukholisayo .Ikhona into owakha wayifunda ngo Helen wena?

Judith: Enyanisweni ewe ndakha ndafunda okuthile ngaye. Okuya ndandiseyintombazana encinane , umama wam wayenencwadi ngo Helen , kwaye yayiyenye yeencwadi ezazisenyongweni kum.

Elizabeth : Libali elinomtsalane ELITHABATHEKISAYO ! Ndiyakhumbula ukuba wayenetitshala emangalisayo , eyamncedisayo ukuba akwazi ukuncokola nakubeni engeva.

Judith : Ngokusebenzisa izandla ndiyacinga...

Elizabeth : Ewe !

Judith : Ndisoloko ndimangazekile xa ndibukele umntu okwaziyo ukuthetha ngeminwe (sign language) Ndiyacinga ukuba ingayinto engumdlu ukufunda ukunxibelelana ngolo hlobo nomntu osisithulu .

Elizabeth : Ndibulela kakhulu kuba ndiyeva kwaye ndiyathetha.Ndiyavuya ukuba namhlanje siza kufunda banzi ngeendlela zokukhathalela iindlebe zethu kunye nokusulela okuzichaphazelayo ngamanye amaxesha .

UMCULO

Judith : Makhe , sincokole malunga neendlebe namhlanje. Ngamanye amaxesha iintombi zam bezikhe zibe nosulelo ngaphandle ezindlebeni zazo ezigqojoziweyo. Makhe sifunde ngomphandle wendlebe.

Umphandle wendlebe ngokommo yile ndawo endlebeni ibonakalayo siquka namadlebe Kumazwe apho amantombazana akwaziyo ukuba neendlebe ezigqojoziweyo , kuxhaphakile ukubona amadlebe enosulelo . Ungafika amadlebe la ebomvu okanye edumbile okanye efuvukele nje kwaye amaxesha amaninzi ade athambe . Kungakho umphula kube luqweqwe endlebeni okanye ububovu obungephi. Kaninzi amadlebe la sukuba egqojozwe ngezixhobo ekungabulawayo ntsholongwane kuso , okanye ngokusebenzisa icici elalanayo nawe (allergic) .Indlela eyiyo yokunyanga loo meko kukucoca idlebe eli ngesepha namanzi okanye utywala , xa lufumaneka. Ukuba likhona iyeza lokubulala iintsholongwane , kungakuhle ukuliqaba edlebeni.

Elizabeth : Ukuba usulelo ludalwe yindlebe egqojoziweyo , uyakwazi ukuliyeka icici endlebeni nangoku indlebe isasulelekile okanye uyalikhupha ?

Judith : Ngumbuzo olungileyo lowo . Xa icici lenziwe ngento engalaniyo nawe : umzekelo , ukuba lenziwe ngegolide , isilivere , okanye istili esingenachaphaza (stainless steel) ingabi loplanga , hayi ke ungaliyeka icici lakho endlebeni , uhoje usulelo ngokugcina indlebe icocekile.

Elizabeth : umphakathi wendlebe wona uthini ngawo ?

Judith : Kwakufuphi nje nokuvuleka kwendlebe kubonakalo ijelo eli liba ngumngxunyana xa ujonge ngaphakathi endlebeni.

Elizabeth: Indawo le ekungafuneki ufake kuyo umnwe , Anditsho ?

Judith : (Ehleka) Kunjalo kanye

Kodwa yindawo ethanda ukurhawuzelela ude ufune ukufaka umnwe wonwaye ; kodwa ingasuleleka ! Yenzeka qho le nto kuba omnye usebenzise okuthile engamelwanga : nje ngosiba lwnkukhu , okanye uluthi , noba yintoni oku kokuba ukwazi ukukhupha umphula. Kuko konke oko kuzama zama inwebu yendlebe iyasuleleka . Xa kukho umsulelo , uva ubuhlungu endlebeni. Xa ucofa ngaphambili endlebeni kuba buhlungu.

Elizabeth : Abantwana bam bakhe baba nomsulelo wendlebe besebancinci kodwa babengafaki zinto kuzo . Kwakubonakali ngathi imisulelo inento nokwenza nemfuxane . Qho xa iimpumlo zabo zinemifinya emanzi , nemisulelo iba khona . Ngaba uthetha enye yendlebe ?

Judith : Hayi , imisulelo yendlebe ebangelwa ngumkhuhlane yile eba sembindini wendlebe okanye ukuxinana , iindlebe zabo ziyathanda ukuba buhlungu. Akubikho nto ibonakalisayo ngaphandle kwendlebe. Ubuhlungu obukhulu buba NGAPHAKATHI endlebeni..

Elizabeth: Ezi , ziindidi ezohlukeneyo zemisulelo nendawo ezohlukeneyo endlebeni . Ngaba uziphatha ngohlobo olufanayo na ?

Judith : Hayi ! Uziphatha ngokwahlukileyo.

Ngokwesiqhelo imisulelo ekumjelo wendlebe inganyangwa ngamathontsi , okanye iyeza elingamanzi oliqabazela ngaphakathi kumjelo wendlebe . Kulindelekile ukuba ungawathenga la mayeza eKhemisti . Kwimeko ezilukhuni , yiya kwagqirha kuba mhlawumbi kungafuneka usebenzise amaqabaza kunye neyeza lokubulala iintsholongwane (antibiotics) lona liselwayo.

Umntwana , onomkhuhlane omkhulu okanye ukuxinana obuthathe ixesha elide ephathekile , **ngoku uva intlungu endlebeni , nobushushu, kungenzeka abe kanti unomsulelo embindini** wendlebe kwaye udinga iyeza lokubulala iintsholongwane ukuphelisa lo msuleleko. Umntwana yena makabonwe ngugqirha okanye unompilo xa kunje .

Elizabeth: Umphula wona uthini ngawo ? Kutheni ukhona ?

Judith : **Umphula okanye iwax asikokungcola ;** ukholo ukugcina iindlebe zethu zicocekile. Unceda nasekunqandeni usulelo.

Elizabeth : Ngaba ifana nesihlambululi sendalo ?

Judith : Ewe .

Elizabeth : Kha utsho , zeziphi ezinye iimpawu zala misulelo YOMPHAKATHI wendlebe obuthetha ngazo usithi kudingeka iyeza lokubulala iintsholongwane kuzo ?

Judith : **Ukuba nefiva,** impumlo emanzi , okanye isikhohlela emqaleni , ngamanye amaxesha ukhohlokhohlo , ngokungakumbi indlebe eqaqambayo. Iintsana azikwazi ukusixelela xa kubuhlungu indawo ethile kuzo kakade , kodwa singabona ngokuba bangacaceli kutya . Bangakhangeleka besiva ubuhlungu xa bencanca ibele okanye ibhotile enobisi , okanye xa bezama ukuginya.

Elizabeth : **Ndikhe** ndaphawula into yokuba abantwana bayazitsala iindlebe zabo ; ngaba benza njalo kuba besiva ubuhlungu na ?

Judith : Ewe , ngakumbi abadala.

Elizabeth : Oko ke kungakhombisa ukuba ukhona undonakele xa abantwana betsala tsala iindlebe zabo . Kubobakala ngathi bazama ukudambisa ubuhlungu.

Judith : **Ngqo ke,** leyo yenye yeendlela ezisolisa umsulelo endlebani.

Ukuba abantwana bakho abaselula babanemisulelo yombindi wendlebe rhoqo, base ekliniki ngokukhawuleza kuba bangalahlekelwa kukuva xa benganyangwa kamsinya.

Elizabeth: Enkosi ngokusicebisa kakuhle ngendlela yokunyamekela iindlebe zethu. Emva ngoku , siza kuthetha ngokuva ukuba uThixo uthini na yena!

UMCULO

Elizabeth : Kwakhona kwinkqubo Yamanenekazi eThemba. Besisathetha ngeenzima ezinxulumene nokuva . Ndinomhlobo onomama obesokola ukuva . Kuqala , sasingakuqapheli oko .

Ndikhawulezile bethuna , uye umama lo , wamana ecela ukuba abantu baziphinda phinde xa bethetha naye. Amalungu osapho aye azikhathaza ngemeko yempilo yakhe ngenxa yoku kuphazamiseka .. Nje ngomntu ongeva kakuhle , uye wangazikhathaleli kakuhle . Ebengavi neemoto ezi xa zisiza emva kwakhe , okanye izilumkiso ezizizandi. Ekugqibeleni emva kweengxoxo ezimandla nenkuthazo , umama womhlobo wam , uye kubona ugqirha ukuze axilongwe indlela yokuva kwakhe. Ngokufutshane , ugqirha ufumene indlebe izele mome ngumphula kwanzima nokumvavanya , kwanyanzeleka ugqirha aqale ayicoce indlebe .

Inoba sele uwazi umbuzo endinawo , wokuba imeko yakho yokuva injani na ? Kaninzi xa uya ukhula iindlebe ziya ziba buthuntu uve mayana . iLizwi likaThixo liyathetha ngeendlebe zethu . Ewe , nangoku ! Liyalumkisa ngokungevi kakuhle . Ngoko ke , iBhayibhile ayithethi ngokukwazi ukuva amazwi okanye amagama. Ithetha ngokuba iindlebe zethu zibuthuntu ngakwinyaniso kaBawo. , kwi **Ndumiso 135 : 17 lithi “ Nakuba beneendlebe nje , bazizithulu ” kuma Hebhere 5 : 11 lithi “ Ekubeni nina naba buthuthu iindlebe ”**

Yintoni le singayivayo bethu ? Ngamazwi kaThixo enyaniso ngendlela emasiphile ngayo. Ma sinyaniseke . Uninzi lwethu luzolile esonweni nezenzo ezigwenxa ebomini bethu . Asifuni kuzitshintsha izimbo zethu , okanye ? Kodwa xa sivumela iindlebe zethu zibe buthuntu kwinyaniso; siziphosanisa nezithembiso ezingummangaliso . Kha uphulaphule kuMprofeti **uHezekile (37 : 4 no 6) apho abhale wathi ... “ Wathi kum , Profeta phezu kwala mathambo ; uthi kuwo , mathambo ndini , liveni ilizwi likaYehova , itsho iNkosi kula mathambo , ukuthi , Niyabona , ndingenisa umoya kuni , niya kuphila ke .**

Ukhe uzive ufile ngaphakathi ? ukoma kona ukhe ukuve ? Ubuzalikazi busifinca amandla ethu. Impilo embi okanye impatho mbi inikusicikida imizimba le ! Ubuhlempu busishiya silambile sibuthathaka ! Ngamanye amaxesha iingxaki ziba ngaphaya side singayivi inyaniso. Xa singakwazi ukuyiva inyaniso , soma nko , singabi nto yanto ngaphakathi . Xa simamela kwaye sithobela ilizwi likaThixo siyaphila kwakhona ! Ngoku nazi iindaba ezilungileyo . UYesu ngokwakhe wathi “ **Inene inene ndithi kuni , Lowo ulivayo iLizwi Lam , akholwe kulowo wandithumayo , unobomi obungunaphakade , ; akazi ekugwetyweni , uphume ekufeni , wangena ebomini ” (ku Yohane 5 : 24)**

Oh inkululeko engaka esinokuyixhamla ebomini ukuba nje besingenakugweba abahlobo . izizalwane ; okubalulekileyo uThixo . Singakhululeke ekugwetyweni nasekufeni ukuba besikholwa ukuba uYesu , uNyana kaThixo ; wasifela kwaye ngoku uyasiphilela eZulwini namhlanje ! Ithi iBhayibhile “ **Kuba nina nabizelwa enkululekweni ” (kuma Galathi 5 : 13)** Ngaba uyayiva imkululeko ikubiza ? Ithi iBhayibhile “ **Naniya kuyazi inyaniso , yaye inyaniso iya kunikhulula... Ngoko ukuba uNyana uthe wanikhulula , noba nikhululekile inene .” (uYohane 8 : 32 no 36)** Ngoku , oku akutsho ukuthi sigqibelele , akutsho futhi nokuthi asoze sone kwakhona . Kodwa iyatsho ukuba xa sonile , singacela uThixo asixolele asiphe amandla okuphila ngokulungileyo.

Inkululeko iyakubiza ; uyayiva ? Mamela ! iLizwi lika Thixo lithi “ **Ngoko ke , bazalwana bam baziintanda , makathi umntu wonke enze msinya ukuva , enze kade ukuthetha , enze kade ukuqumba ” Iqhubeke ithi “ Khumbulani le nto , zihlobo zam : Wonke ubani makakhawuleze ukuva ; kodwa makangakhawulezi ukuthetha , angakhawulezi nokucaphuka .Kaloku into umntu ayenza enomsindo ayinakwamkeleka kuThixo . Yahlukanani nemikhwa emibi nehambo engcolileyo . Mlulameleni uThixo , namkele iLizwi Lakhe alifake kuni entliziyweni. Lilo**

elinamandla okunisindisa . Musa ukuzikhohlisa ngokuliphulaphula nje qha iLizwi likaThixo. Endaweni yaloo nto nina yenzani oko likuthethayo. Lowo uliphulaphula nje kuphela elo lizwi , angenzi nto ngalo , ufana nomntu ozijonga esipilini , abubone ubuso bakhe. Loo mntu uzithi krwaqu nje ; ahambe , aze kwangoko azilibale ukuba unjani na. Kodwa loo mntu othi awucoselele ukuwugcina umthetho osinika inkululeko, lowo uthe rhoqo ukuhamba ngawo engaphulaphuli nje aze alibale , lowo wosikelelwa nguThixo ngokwenjenjalo.”(eka Yakobi 1 : 19 – 25)

Unganoxolo nolonwabo entliziyweni yakho . ungazinzanga iimeko zakho. Wathi uYesu “ Ndeza ukukunika ubomi , ngobuninzi babo.” Inkululeko iyakumemeza mhlobo wam , uyayiva na ?

Masithandaze kunye ; “ Bawo othandekayo , vula iindlebe zomhlobo wam , ukuze awave amazwi AKHO enyaniso . Ndithandazela ukuba akholelwe kumazwi akho enyaniso ukuze akhululeke - akhululeke esonweni , ekugwetyweni nasekufeni. Amen .

UMCULO

Judith : Mhlobo wam . wakha wawava na amazwi enyaniso , waza wakubomi obuhambela kude noYesu ? Ungabuya ! Akudingeki ukuba ube sahlalela kude , uYesu uzivulile iingalo zakhe ukuze akwamkele akunike uxolo.

UMCULO WOKUPHUMA .